GAUTENG PROVINCE
EDUCATION
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GGT 2030
GROWING GAUTENG TOGETHER

IsiXhosa/English

INkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R
Grade R Mathematics Improvement Programme

INdibano yoCweyo 9 ● Workshop 9
IsiKhokelo somBhexeshi ● Facilitator's Guide

The Grade R Mathematics and Language Improvement Project is an initiative of the **Gauteng Department of Education** and its key partner, the **Gauteng Education Development Trust**.

The development and production of the training and classroom resources for the Grade R Mathematics and Language Improvement Project were made possible by generous project funding from the **United States Agency for International Development** and the **Zenex Foundation**.

The Grade R Mathematics and Language Improvement Project is managed by **JET Education Services** with **UCT's Schools Development Unit** and **Wordworks** as technical partners.

The **Schools Development Unit** (SDU) at the **University of Cape Town** (UCT) is the mathematics technical partner to the Grade R Mathematics and Language Improvement Project. The SDU is a unit within UCT's School of Education that focuses on teachers' professional development in Mathematics, Science, Literacy/Language and Life Skills from Grade R to Grade 12. The SDU offers teacher qualifications and approved UCT short courses, school-based work, materials development and research to support teaching and learning in all South African contexts.

ACKNOWLEDGEMENTS

Special thanks to:

- The Gauteng Department of Education Curriculum, Teacher Education and Special Education Directorate officials for their contribution to the adaptation of our materials.
- The Western Cape Education Department (WCED) officials and teachers for their contribution to the successful implementation of the Grade R Mathematics Programme (R-Maths) in the Western Cape between 2016 and 2019.
- The R-Maths writing team: SDU staff and consultants.

Programme conceptualisation and management: Cally Kuhne and Tholisa Matheza
Translation and publishing project management: Arabella Koopman
Translation co-ordination (Nguni languages): Pumeza Ngobozana
Translation: Sebolelo Mokapela
Editing (isiXhosa): Pumeza Ngobozana
Illustrations: Jiggs Snaddon-Wood

IProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi lilinge **leSebe leMfundo laseGauteng (Gauteng Department of Education)** kunye neqabane layo eliphambili, i**Gauteng Education Development Trust**.

Ukwenziwa nokuveliswa kwezixhobo zoqeqesho nezegumbi lokufundela kwenziwe kwayimpumelelo ngezibele zenkxasomali ye**United States Agency for International Development** kwakunye ne**Zenex Foundation**.

IProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi ilawulwa yi**JET Education Services** ne**Schools Development Unit** yase**UCT** kunye no**Wordworks** njengamaqabane ezobugcisa.

I**Schools Development Unit** (SDU) kwi**Yunivesithi yaseKapa** (UCT) liqabane lezobugcisa kwimathematika kwiProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi. ISDU yiyunithi ngaphakathi kwiSchool of Education kwiYunivesithi yaseKapa egxile kuphuhliso lobungcali bootitshala kwiMathematika, izifundo zeNzululwazi, iLitherasi/uLwimi kunye neZakhono zoBomi ukusuka kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. ISDU inikezela ngeziqinisekiso zootitshala kunye nezifundo ezifutshane ezivunyiweyo zeUCT, umsebenzi osekwe esikolweni, uphuhliso lweemathiriyeli kunye nophando lokuxhasa ukufundisa nokufunda kuzo zonke iimeko eMzantsi Afrika.

IMIBULELO

Senza umbulelo ongazenzisiyo:

- KwiCandelo leKharityhulam kwiSebe leMfundo laseGauteng, Izifundo zooTitshala kunye namagosa eCandelo elikhethekileyo leMfundo ngenkxaso yabo ekuvelisweni kwale mathirieli.
- Kumagosa eSebe leMfundo laseNtshona Koloni (WCED) kunye nootitshala ngegalelo labo kwimpumelelo yokuphunyezwa kweGrade R Mathematics Programme (R-Maths) eNtshona Koloni phakathi kweminyaka ka2016 no2019.
- Iqela lababhali beR-Maths: Abasebenzi kwiSDU.

Ukusungulwa nokuphathwa kwenkqubo: Cally Kuhne kunye noTholisa Matheza
Ulawulo lwenguqulelo nopapasho lweprojekthi: Arabella Koopman
Ulungelelaniso lwenguqulelo (Iilwimi zesiNguni): Pumeza Ngobozana
Umguquli: Sebolelo Mokapela
Umhleli (isiXhosa): Pumeza Ngobozana
Imizobo: Jiggs Snaddon-Wood

Contents

Overview

Workshop content

Isiqulatho

Amagqabantshintshi

Umxholo weNdibano yoCweyo

Overview

Purpose

This is the nineth of twelve Grade R Mathematics Improvement Programme (Maths Programme) workshops, which form part of the Gauteng Department of Education (GDE) Grade R Mathematics and Language Improvement Project.

The purpose of this workshop is to continue assisting teachers to implement the Maths Programme in their classrooms. Participants will have the opportunity to reflect on their implementation of the Maths Programme and discuss their planning, teaching and assessment. They will also consider learner progress, and individual developmental and learning needs. Participants will reflect on appropriate assessment strategies for capturing learner progress. The workshop explores the content for Term 3 Weeks 7–10 and its classroom implementation.

References to the Grade R Mathematics Content Areas are taken from the *Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)*: *Grade R Mathematics (Final Draft),* 2011*,* Department of Basic Education, South Africa.

Learning outcomes

- To reflect on the implementation of Term 3 Weeks 4–6
- To explore play-based strategies to support teaching maths in Grade R
- To deepen understanding of number concept in the Numbers, Operations and Relationships Content Area and to link these to the implementation of maths in the Grade R classroom
- To deepen understanding of appropriate assessment in Grade R
- To reflect on challenges and find solutions to implementing the Maths Programme
- To map out the Maths Programme content to be taught in Term 3 Weeks 7–10

Workshop content

- Opening and reflection (1 hour)
- Session 1: Numbers, Operations and Relationships (1 hour)

TEA

- Session 2: Numbers, Operations and Relationships (continued) (1 hour)
- Session 3: Calculation in Grade R (1 hour)

LUNCH

- Session 4: Planning for teaching (1½ hours)
- Closing activities (30 minutes)

Amagqabantshintshi

Injongo

Le yeyethoba kwezilishumi elinambini iindibano zocweyo zeNkqubo yeMathematika yokuPhucula yeBanga R (iNkqubo yeMathematika) neyinxalenye yeProjekthi yeBanga R yokuPhucula yeMathematika noLwimi yeSebe leMfundo laseGauteng (Gauteng Department of Education (GDE)).

Injongo yale ndibano yocweyo kukuncedisa ootitshala ukuba baphumeze iNkqubo yeMathematika eziklasini zabo. Abathathinxaxheba bazakuba nethuba lokucamngca ngokuphumeza kwabo iNkqubo yeMathematika baze baxoxe ngocwangciso, ukufundisa nokuhlola kwabo. Bazakuphinda baqwalasele nenkqubela yabafundi, ukukhula komfundi ngamnye kunye neemfuno zokufunda. Abathathinxaxheba bazakucamngca ngeendlela ezifanelekileyo zokuhlola ezizezokurekhoda inkqubela yomfundi. Indibano yocweyo iphonononga umxholo weKota 3 iiVeki 7–10 kunye nokuphunyezwa kwawo eklasini.

Ubhekiso kwiiNkalo zomXholo weMathematika weBanga R luthathwe *kwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS): IBanga R iMathematika (idrafti yokugqibela)*, 2011, iSebe leMfundo esiSiseko, yaseMzantsi Afrika.

Iziphumo zokufunda

- Ukuthetha ngokuphunyezwa kweKota 3 iiVeki 4–6
- Ukuphononongа iindlela ezisekelwe ekudlaleni zokuxhasa ukufundiswa kwemathematika kwiBanga R
- Ukumilisela ingqiqo yengqikelelomanani ekwiNkalo yoMxholo waMananani, iiOpareyshini noLwalamano baze baqhagamshelanise oku nokuphunyezwa kwemathematika kwiklasi yeBanga R
- Ukumilisela ingqiqo yohlolo olufanelekileyo kwiBanga R
- Ukucamngca ngeengxaki nokufumana izisombululo zokuphumeza iNkqubo yeMathematika
- Ukuceba umxholo weNkqubo yeMathematika oza kufundiswa kwiKota 3 iiVeki 7–10

Umxholo wendibano yocweyo

- Ukuvula nocamngco (1 iyure)
- Iseshoni 1: Amanani, iiOpareyshini noLwalamano (1 iyure)

ITI

- Iseshoni 2: Amanani, iiOpareyshini noLwalamano (ziyaqhubeka) (1 iyure)
- Iseshoni 3: Ubalo kwiBanga R (1 iyure)

ISIDLO SASEMINI

- Iseshoni 4: Ukucwangcisela ukufundisa (1½ iiyure)
- Imisebenzi yokuqukumbela (30 imizuzu)

Preparation

- PPT welcome and outcomes
- Familiarise yourself with all the PowerPoints and videos
- Read:
  Concept Guide, pages 138–161
  Activity Guide: Term 3, pages 120–185
- Bring the post box
- Remind participants to bring their:
  Concept Guide
  Activity Guide: Term 2
  Activity Guide: Term 3
  Poster Book
- Write the following sentences on four large strips of paper: I learnt …
  I did not like …
  I now understand …
  I'm still not clear about …
- Cut A4 paper strips for each group.

Materials

- Flipchart paper, kokis
- Prestik
- A *Resource Kit* for each group

Ulungiselelo

- PPT ulwamkelo neziphumo
- Ziqhelanise nazo zonke ii-*PowerPoints* neevidiyo
- Funda:
  IsiKhokelo seeKhonsepthi, amaphepha 138–161
  IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3, amaphepha 120–185
- Yiza nebhokisi yeposi
- Khumbuza abathathinxaxheba ukuba beze nesabo:
  IsiKhokelo seeKhonsepthi
  IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 2
  IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3
  INcwadi yeePowusta
- Bhala ezi zivakalisi zilandelayo kwimicu yamaphepha amakhulu amane:
  Ndifunde …
  Andiyithandanga …
  Ngoku ndiyaqonda …
  Andikacacelwa yi-…
- Sikela iqela ngalinye imicu yephepha elinguA4.

Iimathiriyeli

- Iphepha lefliptshathi, iikhoki
- IPrestikhi
- *IKiti yeziXhobo* yeqela ngalinye

Opening and reflection **1 hour**

Reflection involves thinking and talking about your experiences and what you have learnt. Consider the Maths workshops you have attended and complete the sentences the facilitator displays.

Facilitator's notes

- PPT: Learning outcomes of the workshop.
- Put the sentence strips on the wall:
  - I learnt …
  - I did not like …
  - I now understand …
  - I'm still not clear about …
- Place A4 paper strips on each table. Participants write their responses to the sentence strips on the A4 paper strips. Use Prestik to display their strips under the relevant sentences.
- Discuss the post box comments and feedback from the previous workshop. Remind participants to 'post' any new comments and feedback during the workshop.

Reflection on implementation

Facilitator's notes

- Remind participants of the *Take back to school task* from the end of Workshop 8.
- Refer participants to **Activity 1** and **2** and read through the instructions. Participants complete the activities in their groups. Groups then share key points with the large group.
- After the small group discussions, take comments from each group. Summarise the successes and challenges and discuss the implications for classroom implementation.

The *Take back to school task* from Workshop 8, required you to do the following:

- Use *Activity Guide: Term 3* to plan and implement Term 3 Weeks 4–6 of the Maths Programme.
- Write comments in the book that you use to keep track of each learner's progress (learner observation book), and use the **'Check that learners are able to'** observation list during each of the teacher-guided activities to guide your observations and comments.
- Make notes of what worked well, what did not work well and how you resolved any challenges during your implementation of Term 3 Weeks 4–6.

In the next activities make use of your learner observation book and the notes you made when reflecting on each day's teaching.

Ukuvula nocamngco

1 iyure

Ucamngco luquka ukucinga nokuthetha ngamava akho kwanoko ukufundileyo. Cinga ngeendibano zocweyo zeMathematika osele uyile kuzo uze ugqibezele izivakalisi eziboniswa ngumbhexeshi.

Amanqaku ombhexeshi
♦ PPT: Iziphumo zokufunda zendibano yocweyo. ♦ Xhoma imicu yezivakalisi edongeni: - Ndifunde … - Andiyithandanga … - Ngoku ndiyaqonda … - Andikacacelwa yi-… ♦ Beka imicu yamaphepha anguA4 kwitafile nganye. Abathathinxaxheba babhala iimpendulo zabo zemicu yezivakalisi kule micu yamaphepha anguA4. Sebenzisa iPrestikhi ukuxhoma imicu yabo phantsi kwezivakalisi ezihambelana nayo. ♦ Xoxa ngamanqaku akwibhokisi yeposi kunye nezimvo ezicatshulwe kwindibano yocweyo engaphambili. Khumbuza abathathinxaxheba ukuba 'bapose' amanqaaku amatsha kunye nezimvo ngexesha lendibano yocweyo.

Ucamngco ngokuphunyezwa

Amanqaku ombhexeshi
♦ Khumbuza abathathinxaxheba ngo*Msebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni* wasekupheleni kweNdibano yoCweyo 8. ♦ Thumela abathathinxaxheba **kuMsebenzi 1 no2** uze ufunde imiyalelo. Abathathinxaxheba benza imisebenzi ngokwamaqela abo. Amaqela aze abelane ngamanqaku angundoqo neqela elikhulu. ♦ Emva kweengxoxo zamaqela amancinci, thatha amanqaku kwiqela ngalinye. Shwankathela ngoko kube yimpumelelo kwanoko kube yimingeni uze uxoxe ngezinto ezinokuchaphazela ukuphunyezwa koku eklasini.

Umsebenzi ekubuyelwa nawo esikolweni othathwe kwiNdibano yoCweyo 8, ubufuna ukuba wenze oku kulandelayo:

- Sebenzisa *isiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3* ukucwangcisa nokusebenza kwiKota 3 iiVeki 4–6 zeNkqubo zeMathematika.
- Bhala izimvo zakho encwadini oyisebenzisayo ukugcina inkqubela yomfundi ngamnye (incwadi yoqwalaselo lomfundi), uze usebenzise uluhlu lwengqwalasela phantsi ko-**'Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-'** ngesihlandlo ngasinye semisebenzi ekhokelwa ngutitshala ukuze ukukhokele ingqwalasela kwanamanqaku owenzayo.
- Yenza amanqaku ngoko kusebenze kakuhle, okungasebenzanga kakuhle nendlela ohlangabezene ngayo nemingeni ngethuba lakho lokuphumeza iKota 3 iiVeki 4–6.

Kwimisebenzi elandelayo sebenzisa incwadi yakho yoqwalaselo lomfundi kunye namanqaku owenzileyo xa ubucamngca ngosuku ngalunye lokufundisa.

Activity 1

1. In your group, share your successes and challenges with implementing the Maths Programme in Term 3 Weeks 4–6. Share strategies for improving teaching and learning for the challenges you identified.

_____
_____
_____

2. Discuss your use of the **'Check that learners are able to'** observation list (in the eye box) during each of the teacher-guided activities.
   Show members of your group your learner observation book.
   Select one learner and discuss your observations of this learner's progress.

_____
_____
_____
_____
_____
_____

3. Write the main points of your discussion on flipchart paper. Report back on your discussion to the large group.

Video 1

Activity Guide: Term 3, Week 6, Teacher-guided activity (pages 114–117)

Watch the video of a teacher working with a small group of learners during the teacher-guided activity in Term 3 Week 6. The focus of our observation in this workshop is on how the teacher mediates the number activities.

Observe how the teacher works through the six activities. Notice:

- how she poses problems
- the language she uses when asking questions
- how she sets up each activity
- the questions she asks to guide the learners.

_____
_____
_____
_____

Umsebenzi 1

1. Kwiqela lakho, yabelanani ngezinto enithe naphumelela kuzo kwanemingeni yokuphumeza iNkqubo yeMathematika iKota 3 iiVeki 4–6. Yabelana ngeendlela zokuphucula ukufundisa nokufunda kwimingeni othe wayibalula.

_____
_____
_____

2. Xoxani ngendlela olusebenzise ngayo uluhlu loqwalaselo ku**'Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi uku-'** (kwibhokisi eneliso) ngexesha layo ngaminye imisebenzi ekhokelwa ngutitshala.
   Bonisa amalungu eqela lakho incwadi yakho yoqwalaselo lomfundi.
   Khetha umfundi omnye uze uxoxe ngoqwalaselo lwakho ngenkqubela yalo mfundi.

_____
_____
_____
_____
_____
_____

3. Bhalani amanqaku angundoqo engxoxo yenu kwiphepha lefliptshathi. Nikani ingxelo ngengxoxo yenu kwiqela elikhulu.

Ividiyo 1

IsiKhokelo semiSebenzi: Ikota 3, Iveki 6, Umsebenzi okhokelwa ngutitshala (amaphepha 114–117)

Bukela ividiyo katitshala osebenza neqela elincinci ngexesha lomsebenzi okhokelwa ngutitshala kwiKota 3 iVeki 6. Okona sigxile kuko kuqwalaselo lwale ndibano yocweyo yindlela angenelela ngayo utitshala kwimisebenzi yamanani.

Qwalasela indlela utitshala asebenza ngayo kule misebenzi mithandathu. Qaphela:

- indlela azibeka ngayo iingxaki
- isigama asisebenzisayo xa ebuza imibuzo
- indlela awondlala ngayo umsebenzi ngamnye
- imibuzo ayibuzayo ukukhokela abafundi.

_____
_____
_____
_____

_____
_____
_____
_____

Activity 2

Refer to the teacher-guided activity (pages 114–117) in Week 6 of *Activity Guide: Term 3*.

1. Discuss how you managed this teacher-guided activity with your class.

_____
_____
_____

2. Did you face any challenges? If so, how did you solve them?

_____
_____
_____

Facilitator's notes

Show the video and lead a discussion based on the maths activities and questions. If participants do not mention the following points, add them to the discussion.

- The activities are short. The teacher doesn't linger unnecessarily when handing out apparatus or talk to one learner for too long. Transitions are quick and the teacher manages the six activities within the allocated time.
- Both the questions asked and language used are clear and concise.
- Activities build on previous knowledge and expand new ideas.
- Listening to and observing **each** learner provides insight into their progress. It helps you to identify their abilities and the gaps in their skill and/or understanding.

_____
_____
_____
_____

 **Umsebenzi 2**

Bhekisa kumsebenzi okhokelwa ngutitshala (amaphepha 114–117) kwiVeki 6 ye*siKhokelo semiSebenzi: Ikota 3*.

1. Xoxa ngendlela owuqhube ngayo lo msebenzi okhokelwa ngutitshala eklasini yakho.

_____
_____
_____

2. Ingaba uye wahlangabezana nemingeni? Ukuba kunjalo, uyisombulule njani?

_____
_____
_____

Amanqaku ombhexeshi

Bonisa ividiyo uze ukhokele ingxoxo esekelwe kwimisebenzi nemibuzo yemathematika. Ukuba abathathinxaxheba abawachazi la manqaku alandelayo, wongeze kwingxoxo.

- Imisebenzi mifutshane. Utitshala akalibazisi ngokungenasizathu xa egqithisa izixhobo okanye athethe nomnye wabafundi ixesha elide. Utshintsho luyakhawuleza kwaye utitshala uyayenza imisebenzi ebekiweyo ngexesha elisikelweyo.
- Imibuzo ebuziweyo kunye nesigama esisetyenzisiweyo sicacile kwaye asisidanga.
- Imisebenzi isekelwe kulwazi olusele lukho kwaye yongeza izimvo ezitsha.
- Ukumamela nokuqwalasela umfundi **ngamnye** kubonelela ngengqiqo ngenkqubela yakhe. Kukunceda ukwazi ukwalatha izakhono nezikhewu ezikhoyo kwizakhono kunye/okanye ukuqonda kwabo.

Session 1: Numbers, Operations and Relationships

1 hour

In previous workshops we have discussed the Numbers, Operations and Relationships Content Area. In this session we will revisit different number topics and expand our discussion to further understand number concept. We will explore the following aspects of number and connect them to classroom practice:

- oral counting
- subitising
- representing number
- counting objects
- ordinal numbers
- calculating.

Oral counting

Facilitator's notes

- Oral counting involves saying the number words in order. Learners sequence numbers during routine oral counting activities and during transitions. Songs, rhymes and actions make oral counting fun while learning the order of the numbers. Once learners can repeat a sequence of numbers in the correct counting order, they begin to talk about the relationship between the numbers, e.g., which number is before, between or after another number.
- Choose one group to present their **Activity 3** discussion.

Children learn the correct order of number words as they play, sing, and repeat rhymes.

As we know, oral counting involves saying the number words in order. Learners sequence numbers during routine oral counting activities and during transitions. Songs, rhymes and actions make oral counting fun, but the focus is on the order of the numbers. Once learners can repeat a sequence of numbers in the correct counting order, they begin to talk about the relationship between the numbers, e.g., which number is *before*, *between* or *after* another number.

Activity 3

In your group, discuss how the following activities have promoted learning the sequence of counting words in your class:

- songs and rhymes
- number washing line
- jumping tracks.

Iseshoni 1: Amanani, iiOpareyshini noLwalamano

1 iyure

Kwiindibano zocweyo ezingaphambili sixoxe ngeNkalo yoMxholo waManani, iiOpareyshini noLwalamano. Kule iseshoni sizakuqwalasela kwakhona izihloko ezahlukileyo zenani size solule ingxoxo yethu ukuze siyiqonde banzi ikhonsepthi yenani. Sizakuhlola le miba yenani ilandelayo size siziqhagamshelanise nenkqubo yaseklasini:

- ukubala ngomlomo
- ukusabhathayiza
- ukumela inani
- ukubala izinto
- amanani olandelelwano
- ukubala.

Ukubala ngomlomo

Amanqaku ombhexeshi

- Ukubala ngomlomo kuquka ukubiza amagama amanani ngokulandelelana. Abafundi balandelelanisa amanani ngexesha lemisebenzi yesiqhelo yokubala ngomlomo nangexesha lotshintsho. Iingoma, izicengcelezo kunye neentshukumo zenza ukuba ukubala ngomlomo kunike umdla ngeli lixa kufundwa ngolandelelwano lwamanani. Bakube bekwazi abafundi ukuphinda ulandelelwano lwamanani ngolandelelwano lokubala oluchanekileyo, baqalisa ukuthetha ngolwalamano phakathi kwamanani, umz. leliphi inani eliza kuqala, phakathi okanye emva kwelinye inani.
- Khetha iqela libe linye eliza kubonisa ingxoxo yalo yo**Msebenzi 3**.

Abantwana bafunda ulandelelwano oluchanekileyo lwamagama amanani njengokuba bedlala, becula okanye bephinda izicengcelezo.

Njengoko sisazi, ukubala ngomlomo kuquka ukubiza amagama amanani ngolandelelwano. Abafundi balandelelanisa amanani ngexesha lemisebenzi yesiqhelo yokubala ngomlomo nangexesha lotshintsho. Iingoma, izicengcelezo kunye neentshukumo zenza ukuba ukubala ngomlomo kunike umdla ngeli lixa kufundwa ngolandelelwano lwamanani. Bakube bekwazi abafundi ukuphinda ulandelelwano lwamanani ngolandelelwano lokubala oluchanekileyo, baqalisa ukuthetha ngolwalamano phakathi kwamanani, umz. leliphi inani *elingaphambi, phakathi okanye emva* kwelinye inani.

Umsebenzi 3

Kwiqela lenu, xoxani ngendlela le misebenzi ilandelayo ekukhuthaze ngayo ukufundwa kokulandelelana kwamagama okubala eklasini yakho:

- iingoma nezicengcelezo
- ucingo lokoneka amanani
- imizila yokuxhuma.

_____
_____
_____
_____
_____

Facilitator's notes

- PPT: Different 'meanings' of number and different kinds of numbers.
- Discuss different 'meanings' of number and different kinds of numbers, and the focus of number in Grade R.

 **Activity 4**

Read the information on pages 138–143 and look at the diagram at the top of pages 144–145 of the *Concept Guide*.

In your group, discuss the following aspects of number:

- different 'meanings' of number

_____
_____
_____
_____

- different kinds of numbers

_____
_____
_____
_____

Learners in Grade R work mostly with the whole numbers 0, 1, 2, 3, 4, 5, 6, 7, 8, 9 and 10. (In Grade 1 this is extended to 20 and beyond.) We focus on counting and representing number in different ways and provide opportunities for learners to engage with numbers in different contexts.

_____
_____
_____
_____
_____

Amanqaku ombhexeshi

- PPT: 'Iintsingiselo' zenani ezahlukileyo kunye neendidi ezahlukileyo zamanani.
- Xoxa 'ngeentsingiselo' ezahlukileyo zenani kunye neendidi ezahlukileyo zamanani, kunye noko inani ligxile kuko kwiBanga R.

Umsebenzi 4

Funda iinkcukacha ezikumaphepha 138–143 uze ujonge idayagram ephezulu kumaphepha 144–145 e*siKhokelo seeKhonsepthi*.

Kwiqela lenu, xoxani ngale miba yenani ilandelayo:

- 'iintsingiselo' ezahlukileyo zenani

_____
_____
_____
_____

- iintlobo ezahlukileyo zenani

_____
_____
_____
_____

Abafundi beBanga R basebenza ikakhulu ngamanani apheleleyo 0, 1, 2, 3, 4, 5, 6, 7, 8, 9 no10. (KwiBanga 1 oku kuyongezwa ukuya kutsho ku20 nangaphezulu.) Sigxila ekubaleni nasekumeleni amanani ngeendlela ezahlukileyo size sibonelele ngamathuba okuba abafundi basebenze ngamanani kwiimeko ezahlukileyo.

Subitising

Facilitator's notes

- Use the dot cards from the *Resource Kit*.
- Ask participants to tell you 'how many' they see as you flash each dot card quickly:
  - Show a card with 3 dots.
  - Show a card with 2 dots.
  - Hold the above cards alongside each other.
- Explain what subitising is (*Concept Guide* pages 144–147) and discuss how this skill benefits children as they learn about number:
  - Learners associate number names with small collections.
  - Learners recognise the total in a collection (up to five) without counting.
  - Learners start to recognise that, for example, 'five and one is six'.
  - It builds number sense.
  - Learners understand that a number can be broken down and built up. (These number combinations lay the foundation for bonds.)
  - It builds the memorisation and automation of number facts.
- Discuss classroom activities that reinforce subitising. These include:
  - dot card activities
  - structure beads
  - dice games
  - dominoes
  - shake-and-break activities.

Activity 5

Observe the facilitator. Each time she/he flashes a card, say as quickly as you can 'how many' dots you see.

1. Did you count each dot one by one? Why not?

_____
_____
_____
_____

2. What do you think the benefit is of reinforcing the skill of subitising?

_____
_____
_____
_____

Ukusabhathayiza (Ukwazi isiphumo ungakhange ubale)

Amanqaku ombhexeshi

- Sebenzisa amakhadi anamachokoza athathwe kwi*Kiti yeziXhobo*.
- Cela abathathinxaxheba ukuba bakuchazele ukuba 'mangaphi' abawabonayo njengokuba utsheluzisa ikhadi elinamachokoza ngalinye ngokukhawuleza:
  - Bonisa ikhadi elinamachokoza ama3.
  - Bonisa ikhadi elinamachokoza ama2.
  - Phakamisa la makhadi akhankanywe ngasentla uwamise elinye ecaleni kwelinye.
- Cacisa ukuba kuthetha ukuthini ukusabhathayiza (*IsiKhokelo seeKhonsepthi* amaphepha 144–147) uze uxoxe ngendlela esi sakhono esibanceda ngayo abafundi njengokuba befunda ngamanani:
  - Abafundi boyamanisa igama lenani neengqokelela ezincinci.
  - Abafundi banakana isambuku kwingqokelela (ukuya kuntlanu) bengabalanga.
  - Abafundi baqalisa ukunakana ukuba, umzekelo, 'untlanu nonye nguntandathu'.
  - Kwandisa ingqiqo yenani.
  - Abafundi bayaqonda ukuba inani lisenokuqhekezwa lize lakhiwe. (Ezi ndibaniselwano zenani zenza isiseko sokudibanisa.)
  - Kukhulisa ukunkqaya nokuzenzekela kweenyani ezingamanani.
- Xoxa ngemisebenzi yaseklasini ebethelela ukusabhathayisa. Oku kuquka:
  - imisebenzi yamakhadi anamachokoza
  - amaso okuhlela
  - imidlalo yamadayisi
  - iidomino
  - imisebenzi yokuhlukuhla uchithe.

Umsebenzi 5

Qwalasela umbhexeshi. Qho etsheluzisa ikhadi, chaza ngokukhawuleza kangangoko unako ukuba 'mangaphi' amachokoza owabonayo.

1. Ingaba ubale ichokoza ngalinye nganye nganye na? Kutheni ungenzanga njalo?

_____
_____
_____
_____

2. Ucinga ukuba kuluncedo ngantoni ukubethelela isakhono sokusabhathayiza?

_____
_____
_____
_____

3. What activities that reinforce the ability to subitise have you used in your Term 1 and 2 maths sessions?

_____
_____
_____
_____

Refer to pages 144–147 of the *Concept Guide*.

Representing number

Facilitator's notes

- PPT: Animation of the diagram in this section that shows the link between a number and its different representations.
- Explain the concept of number as detailed below.
- Explain that learners need to understand each component in order to make the connection between them.
  1. The '5' in the centre of the diagram is the number 5, and this is an abstract idea.
  2. Learners need to be able to represent the concept of 5 as a collection, using concrete manipulatives, like counters, to represent the number 5.
  3. Learners then need to learn that '5' can be written as a symbol and that the symbol 5 also represents the collection (of counters).
  4. Learners then need to learn that the number word 'five' can be written to represent the symbol and the collection.
  5. Finally, learners need to make the connection between these different representations of five to fully understand the concept.

A number is an abstract concept. It is an idea that exists in your head. We can't see numbers, so we have to find different ways to represent (show) the number that is being referred to. Learners need to make the connection between the idea of a number, e.g., 5, and its different representations, like a collection of objects, a symbol, a word. They also need to understand that if we say, 'how many' sweets, claps, houses, birthdays, etc., five always refers to the same number of these things.

Learners need to internalise the 'how muchness' or numerosity of the number. To communicate this concept to learners, teachers need to introduce the idea using concrete objects, for example, counters. To help learners understand the concept of a number, they need to realise that numbers can be represented in different ways. Learners also need to make the connection between different representations of the number, for example an object, picture, symbol and word.

3. Yeyiphi imisebenzi ebethelela isakhono sokusabhathayiza oyisebenzisileyo kwiiseshoni zemathematika kwiKota 1 no2?

_____
_____
_____
_____

Bhekisa kumaphepha 144–147 *esiKhokelo seeKhonsepthi*.

Ukumela inani

Amanqaku ombhexeshi

- PPT: Ukumelwa ngezilwanyana kwidayagram ekweli candelo kubonisa uqhagamshelwano phakathi kwenani kunye nokumelwa kwalo okwahlukileyo.
- Cacisa ingqikelelomanani njengoko ibonisiwe ngezantsi.
- Cacisa ukuba abafundi badinga ukuqonda icandelo ngalinye ukuze bakwazi ukwenza uqhagamshelwano phakathi kwawo.
  1. U‘5’ osembindini wedayagram linani u5, kwaye le yimbono engabambekiyo.
  2. Abafundi kufuneka bazi ukumela ikhonsepthi ka5 njengengqokelela, besebenzisa izinto eziphathekayo, njengezixhobo zokubala, ukumela inani u5.
  3. Abafundi kufuneka bafunde ukuba u‘5’ angabhalwa njengesimboli kwanokuba isimboli u5 nayo imele ingqokelela (yezixhobo zokubala).
  4. Abafundi kufuneka bafunde ukuba inani eliligama ‘untlanu’ lisenokubhalwa ukumela isimboli kunye nengqokelela.
  5. Okokugqibela, abafundi kufuneka benze uqhagamshelwano phakathi koku kumelwa okwahlukeneyo kukantlanu ukuze bayiqonde ngokupheleleyo ikhonsepthi.

Inani liyikhonsepthi engabambekiyo. Yimbono esentloko kuphela. Asiwaboni amanani, ngoko kufuneka sifumane iindlela ezahlukeneyo zokumela (zokubonisa) inani elo kubhekiswa kulo. Abafundi badinga ukwenza uqhagamshelwano phakathi kwembono yenani, umz., u5, kunye nokumelwa kwakhe okwahlukeneyo, njengengqokelela yezinto, isimboli, igama. Kukwafuneka baqonde ukuba xa sisithi, ‘zingaphi’ iilekese, izandi zokuqhwaba, izindlu, imihla yokuzalwa, njlnjl., untlanu usoloko ebhekisa kwinani elifanayo lezi zinto.

Abafundi kufuneka bayifake engqondweni into ‘yobungakanani’ okanye ‘umlingano’ wenani. Ukugqithisa le khonsepthi kubafundi, ootitshala kufuneka bayazise le mbono ngokusebenzisa izinto ezibambekayo, umzekelo, izixhobo zokubala. Ukuncedisa abafundi baqonde ingqikelelo yenani, kufuneka bazi ukuba inani lisenokuboniswa ngeendlela ezahlukileyo. Abafundi kukwafuneka benze uqhagamshelwano phakathi kokumelwa kwenani okwahlukileyo, umzekelo into, umfanekiso, isimboli negama.



Facilitator's notes

- Discuss how the idea of multiple representations informs the methodology of introducing a number through a story in the Maths Programme.
- Remind participants of the routine used for teaching each number:
  - Number frieze and story: build the house by showing the picture/s, house number, doorbell/s and number word.
  - Matching objects, number symbols, number words and dot cards.



Amanqaku ombhexeshi

- Xoxa ngohlobo imbono yokumelwa ngeendlela ezininzi efuthela ngayo ukwaziswa kwenani ngebali kwiNkqubo yeMathematika.
- Khumbuza abathathinxaxheba ngendlela yesiqhelo esetyenziswayo ukufundisa inani ngalinye:
  - Ifrizi yenani nebali: yakha indlu ngokubonisa um/imifanekiso, inombolo yendlu, i/iibheli zokunkqonkqoza emnyango kunye nenani eliligama.
  - Ukutshatisa izinto, iisimboli zenani, amanani angamagama kunye namakhadi anamachokoza.

Session 2: Numbers, Operations and Relationships (continued)

1 hour

Counting objects

Facilitator's notes

- Allow 40 minutes for this section of Session 2.
- PPT: Summarise the counting principles (*Concept Guide* page 148–149). Present them one at a time. These counting principles are the basis of learning to count. Once learners can apply these principles, we can say that they are able to count. Highlight that learners need to be able to demonstrate all five of the counting principles before we can say that they are able count.
- Ask participants to use the apparatus on the table to demonstrate their understanding of each of the counting principles.
- To consolidate, demonstrate each principle to the whole group.
- Discuss the daily classroom activities that reinforce the counting of objects that participants have done in Terms 1 and 2.
- Read the 'In practice' box on page 150 of the *Concept Guide* to explain how learners progress as they learn to count and combine groups of objects.

To count '**how many**', learners need to realise that each object in a group has a number name and that you count each object only once.

There are five counting principles that describe the process of learning to count. Once learners have understood and can apply all five of these counting principles, we are able to say that they can count.

Activity 6

Read the information on pages 148–151 of the *Concept Guide*.

1. Use the apparatus provided to demonstrate these principles as they are explained in the *Concept Guide*.

2. Discuss each principle in your group and make your own notes in the table below to explain your understanding of each principle.

One-to-one correspondence principle	
Stable order principle	

Iseshoni 2: Amanani, iiOpareyshini noLwalamano (ziyaqhubeka) **1 iyure**

Ukubala izinto

Amanqaku ombhexeshi
♦ Vumela imizuzu engama40 kweli candelo leSeshoni 2. ♦ PPT: Shwankathela imigaqo yokubala (*IsiKhokelo seeKhonsepthi* amaphepha 148–149). Yichaze nganye nganye. Le migaqo yokubala sisiseko sokufunda ukubala. Bakube abafundi bekwazi ukuzisebenzisa ezi ndlela, singatsho ukuba bayakwazi ukubala. Gxininisa kwelokuba abafundi kufuneka bakwazi ukubonisa yomihlanu imigaqo yokubala ngaphambi kokuba sithi bayakwazi ukubala. ♦ Cela abathathinxaxheba ukuba basebenzise izixhobo ezisetafileni ukubonisa ingqiqo yabo ngendlela nganye yokubala. ♦ Ukudibanisa, bonisa umgaqo ngamnye kwiqela lonke. ♦ Xoxa ngemisebenzi yemihla ngemihla yaseklasini ubethelela ukubalwa kwezinto ezenziwe ngabathathinxaxheba kwiKota 1 no2. ♦ Funda kwibhokisi ethi 'Ziqhelise' kwiphepha 151 le*siKhokelo seeKhonsepthi* ukucacisa indlela abaqhuba ngayo abafundi njengokuba befunda ukubala nokudibanisa amaqela ezinto.

